

PULA IMVULA

GROWING FOOD • PEOPLE • PROSPERITY

IMAGAZINI YAKWAGRIN SA YOPHUHLISO LWABAVELISI



Ukukhetha ithuba elichanekileyo lokutyalala kubaluleke kakhulu.

Ifoto: Karen van Zyl

CINGA NGOKUTYALA xa kufanelekile ngokoshishino

UMSEBENZI WOKUFAMA AWUNAKUQHUBA NO-KUBONWA NJENGOWEZIGALO KUPHELA UKUZE KUVELISWE ISITYALO. KUMAXESHA ANAMHLA UMSEBENZI WOKUFAMA MAWUBONWE NJENGE-SHISHINO NGOKO KE MAWUQHUTYWE NJENGE-SHISHINI. KUFUNEKA KUMISELWE IMITHETHO ENQONGQO FUTHI ILANDELWE UKUQINISEKISA UKUBA ABALIMI BAFUMANA INZUZO UKUZE BAKWAZI UKULIMA KWIXESHA ELILANDE-LAYO LOKULIMA.

Ukutyalala kungaba ngathi ngumdlalo onobuntununtunu malunga nexesha nangokukhetha ithuba lexesa elichanekileyo lokutyalala kunganzima, kanti leliphi ixesa elingakufanelanga ukutyalala? Ukuphendula lo mbuzo, ufanele ukuqwelasela iindleko zeemveliso zamalungiselelo kunte nengeniso.

IINDLEKO ZEEMVELISO ZAMALUNGISELELO

Ezi ndleko zichazwa njengeseti yeendaleko edingeka ekudalweni kwemveliso okanye ekunikweni kwenkonzo. Iquka zonke iindleko ezifunyanwa lishishini ezinxulumene nemisebenzi ngokubanzi neyolawulo lweofisi. Ukuze isebeenze kulimo, iindleko zeemveliso zamalungiselelo zichazwa njengazo zonke iindleko ezinxulumene nokulima ku-

nye nokuvuna izityalo ezifana namafutha okubasela, isichumiso kunte neekhemikhali zolimo.

lindleko zeemveliso zamalungiselelo zingahlulwa ngokwezintlu ezmibini ezahlukileyo:

lindleko ezisisigxina azitshintshi ngokokwanda okanye ngokokuncipha kwamanani emveliso afunyenwego okanye athengisiweyo nangokweenkonzo. Kwezolimo kungatshiwo ukuba ezi ziindleko afanele ukuzihlawula umlimi evunile nokuba akavunanga. Ziindleko zenyanga okanye zonyaka ngamnye ezifana nezamandla ombane, irenti, imivuzo kunte neendleko zokuziphilisa – iinkcitho ezingatshintshiyo ngenyanga nganye okanye ngonyaka.

lindleko ezitshintshayo ziguquka ngokwesixa esivunwa okanye esithengiswa liqumrhu. Kwezolimo masithi ezi ziindleko ezinyuka xa imveliso yandile. Ezi ndleko ziya kunyuka okanye zinciphe xa imveliso isanda okanye incipha. Imizekelo ngamafutha okubasela, imbewu, iikhemikhali zolimo nezichumiso.

Ngokufutshane, **iindleko ziphele = iindleko ezitshintshayo + iindleko ezisisigxina**. Ngokomsebenzi wokufama, iindleko ziphele zokulima isityalo zilingana neenkitho ezhilala zikhona ezifana nerenti, ukugcina inkubo, nezobonelelo lombane, iintlawulo zoncedo neerhafu, kudibana neenkitho ezifana neendleko zembewu, isichumiso, amafutha okubasela neekhemikhali zolimo.

Cinga ngokutyalala xa...

1

Uqikelelo Iwexabiso Iomlimi lombona omhlophe womhlaba owomileyo kwixesha lokulima lango-2022/2023.

Uqikelelo Iwangoku Iwamaxabiso omlimi eenkozo*	Umbona ngexabiso le-R4 000 ngetoni			Oojongilanga ngexabiso le-R10 000 ngetoni		
	3,5	4,5	5,5	1	1,5	2
Isivuno esicwangiselweyo (iitoni ngehektare)	3,5	4,5	5,5			
Ukuxabiseka kuphelele kokulima imveliso (iiRandi/ngehektare) ngexabiso elingumyinge	14 000	18 000	22 000	10 000	15 000	20 000
lindleko ezitshintshayo ezinokwabelwa ngqo (iiRandi ngehektare)						
Imbewu nezithole	1 093,00	1 229,63	1 912,75	522,67	653,33	653,33
Isichumiso	5 487,04	7 045,76	8 604,49	1 171,80	2 429,70	4 239,90
Ikalika	236,50	236,50	236,50	236,50	236,50	236,50
Amafutha okubasela	1 469,73	1 534,08	1 598,43	1 301,19	1 395,42	1 489,64
Ukukhanda	1 539,71	1 587,87	1 636,02	1 363,15	1 442,61	1 522,06
likhemikhali zokubulala ukhula	1 345,50	1 345,50	1 345,50	1 186,00	1 186,00	1 186,00
likhemikhali zokubulala izonakalisizityalo	1 016,00	1 016,00	1 016,00	711,21	711,21	711,21
I-inshorensi yeemveliso zamalungiselo	-	-	-			
Ukukhusela amaxabiso kwangaphambili	1 134,57	1 303,23	1 523,17	310,47	386,76	481,52
Umsebenzi weekhontrakthi	-	-	-	-	-	-
I-inshorensi yezityalo	232,78	299,29	365,80	269,65	404,48	539,31
Ukutshiza ukususela phezulu	-	-	-	-	-	-
Inzala yetyala leemveliso	694,24	797,44	932,02	365,13	454,85	566,30
lindleko ezitshintshayo ezinokwabelwa ngqo ziphelele (iiRandi ngehektare)	14 249,07	16 395,29	19 170,68	7 437,77	9 300,86	11 625,77
lindleko ezihlala zikhona ziphelele (iiRandi ngehektare)	3 402,63	3 402,63	3 402,63	2 867,90	2 867,90	2 867,90
lindleko ngehektare ziphelele phambi kokuthengiswa kibuqu bemveliso (iiRandi ngehektare)	17 651,70	19 797,92	22 573,31	10 305,67	12 168,76	14 493,67
Umda ngehektare phambi kweendleko nenzuso yokuthengisa (iiRandi ngehektare)	-3 651,70	-1 797,92	-573,31	-305,67	2 831,24	5 506,33
lindleko zeetoni ziphelele phambi kokuthengiswa kibuqu bemveliso (iiRandi ngetoni)	5 043,34	4 399,54	4 104,24	10 305,67	8 112,50	7 246,83

* Ukwenzela owona mgangatho uphezulu kwesona sisele sikufutshane (iiRandi ngetoni) (ixabiso xa kuthatyathwe iindleko zokuthengisa)

INGENISO

Ingeniso sisixa semali okanye impahla efunyenwe ngeemveliso ezithengisewyo okanye iinkonzo ezinkelwego. Ingahlulwa ngokwezintlu ezimbini:

Ingeniso iphelele, yona ngumvuzo womntu uphelele phambi kokuxhuzulwa kweerhafu nezinye iinkcitho. Malunga nolimo, ingeniso iphelele sisixa esipheleleyo semali efunyanwa ngumlimi ngemveliso ayilimayo nayithengisayo.

Ingeniso eyintshiyekela ingaphinda ichazwe njengenzozo. Iyingeniso eshiyeka emva kokuba sekuthatyathwe zonke iinkcitho. linkcitho ziukha zonke iinkcitho ezenziwe ngeerhafu, amafutha okubasela, iintlawulo zoncedo, isichumiso nezo zithatyathwayo.

Ingeniso eyintshiyekela = ingeniso iphelele - iinkcitho

AKUFANELANGA KWENZEKA NINI UKUTYALA?

Injongo yakhe nawuphi umlimi ifanele ukuba kukukhupa iimveliso kangangokuba akwazi ukuhlawula iindleko zesityalo sakhe kunye neenkitho zokuziphilisa; futhi ashiyekelwe ngokwaneleyo ukuze atyale izityalo zokutshintsha, okanye abe nempahla yexabiso enokumnceda ukuba afumane imalimboleko.

Ngoko ke, abalimi mabasebenzise olu ngqinelaniso lulandelayo ukuze bavavanye ithuba elifanelekileyo lokutyala:

Inzu/ilaheko = ingeniso – iinkcitho

Malunga nomsebenzi wokufama, oku kuthetha ukuba ingeniso eyintshiyekela (inzu) ilingana nemali efunyanwa ngumlimi xa ethengise imveliso yakhe kuze kuthatyathwe iindleko zokulima.

Imiqathango yokufumanisa ukuba ingaba kufanelekile na ukutyalala

- Ukwenzela abalimi abasebenza ngemali esesandleni: Inzudo ifanele ukwanelia ukuze uhlawule iindleko zakho zokuziphilisa futhi ube nemali yokulima kwixesha elizayo oza kutyala ngalo.
- Ukwenzela abalimi abasebenza ngetyla: Inzudo ifanele ukwanelia ukuze ukwazi ukuhlawula lonke ityala lakho futhi ube nemali yendleko zokuziphilisa.

Ngokufutshane, indlela yokubala ukuba kufanelekile na ukutyalala:

- Bala ukuba iya kuba ngakanani inkcitho yokulima imveliso (iindleko).
- Fumanisa ixabiso lemveliso (ingeniso).
- Bala ukuba inzudo ikhona na emva kokuthatyathwa kweendleko kwingeniso.
- Fumanisa ukuba ingaba uyazihlangabeza na iimfuneko ezibekwe ngasentla ukuze ukwazi ukutyalala.

Kubaluleke kakhulu ukuba abalimi bazikise ngononophelo iingqondo zabo phambi kokufikelela kwisigqibo sokutyalia isityalo. Oku kuthetha ukuba umlimi ufanele ukwenza uqikelelo lwakhe iweendleko nengeniso ngokuchanekileyo, kuba uqikelelo olungachanekanga lwale miba lungakhokelela kwiimpazamo nelahleko.

2

MADE POSSIBLE BY
THE MAIZE TRUST

limbotyi zesoya ngexabiso le-R8 683 ngetoni		
1	1.5	2
8 683,80	13 025,70	17 367,60
803,57	1 205,36	1 406,25
2 676,00	3 998,25	5 320,50
236,50	236,50	236,50
1 338,85	1 433,07	1 527,30
1 402,60	1 482,05	1 561,51
1 046,50	1 046,50	1 046,50
1 011,65	1 011,65	1 011,65
-	-	-
265,41	330,97	390,76
-	-	-
894,43	1 341,65	1 788,86
-	-	-
497,93	620,94	733,10
10 173,44	12 706,94	15 022,92
3 093,99	3 093,99	3 093,99
13 267,43	15 800,93	18 116,91
-4 583,63	-2 775,23	-749,31
13 267,43	10 533,95	9 058,46



AMAZWI AVELA... ku Jacques Roux (ongumcebisi)

XESHA LOKUTYALA LANGO-2021/2022 LIYA KUKHUNJULWA NJENGELINYE LAMAXESHA OBUNZIMA OBUKHULU. KODWA NGENXA YEMVULA ENCOMEKAYO EBILINDELEKILE, LIQALE LABONAKALA NGATHI LIYA KUBA LELINYE LAMAXESHA OKULIMA ASEZIMBALINI. KONKE BEKULUNGELE UKUQUALISWA KOKUTYALA, KODWA KWASUKA KWAFIKA IMVULA ENKULU EYABA LIQUBULISO KUYE WONKE UMNTU.

litrektara bezisithi xa ziqalisa umsebenzi wazo wosuku kusuke kuwe amathontsi emvula. Abalimi bebelinda ade amasimi ome, ngelo xesha oomatshini bokutyla bathwele umthwalo wezona zichumiso zexabiso eliphezulu ezaziwa ezimbali, kodwa xa kuqualiswa ngomsebenzi ngokunjalo nemvula ibikhawuleza ukufika kwakhona. Oku kuqhube ngolu hlobo phantse kwiinyanga ezimbini, amanzi egwantye kuyo yonke indawo.

Ngenxa yokuba abalimi kufuneka babonelele ilizwe ngokutya, zange bancame – bebefanele ukuphakama baphinde batyle. Kwiimeko apha amasimi ebengafikeleki khona, abalimi bebefanele ukwenza icebo batyle ngokusebeniza izixhobo zokutyla ngesandla. Isitshizi sangasemva besisetyenziswa xa itrektra nesitshizi sesiqhelo zingafikeleli. Imvula ibisithi xa ikhukulisa izondlo zombo-na, umlimi ebebeleka ingxowa yesichumiso esigalelwayo emqolo.

NgoApreli, bezithembisa iimbotyi zesoya nombona, kodwa bekukho iindawo apha iimbotyi bezitsala nzima khona ngenxa yezandyondyo zemvula. Njengoko ukutyalwa kukajongilanga kwe-nziwe emva kwexesha, abalimi bebenethemba lokuba nengqeile iya kuqualisa kade. Ngokubanzi, izityalo bezikhula kwaye bekubonakala ngathi izivuno ezhile (iitonni ezincomekayo) ziya kufumaneka.

‘Ittoni kananjalo namaxabiso abukea emahle. Siza kundicnumisa isivuno sam kulo nyaka,’ utshilo omnye wabalimi. Xa ebethetha ngemibandela yemali, utha ufunu ukulihlawula lonke ityala lakhe ebhankini naseSACTA (SA Cultivar & Technology Agency). ‘Kaloku ndiza kuphinda ndifune uncedo kwakhona kuyaka ozayo, Tata uRoux. Ukuba andihlawuli akusayi kuphinda undincede kwakhona. Igama lam lifanele ukucocka. Abalimi abakwinkqubo bonke bafanele ukulihlawula amatyala abo kuqala – futhi bangakwenza oko. Baxelele nje uthi kubo: Buyisanimali!’ wahleka akugqiba ukutsho.



CHRISTAAAN VERCUIEL,
OKUQEQQESHO: KUQO-
QOSHO OLUSEBENZISE-
KAYO, EGRAIN SA KWAYO
PIETMAN BOTHA, UMCEBISI
OZIMELEYO KWEZOLIMO

Besilapho ngenxa yamava akwiNAMPO 2022

EMVA KWEMINYAKA EMIBINI YOKUTHULA OBEKUNYANZELEKILE KUNGEKHO SUKU LWESIVUNO LWENAMPO OLUNOKUBAKHO, IINDWENDWE BEZINOMDLA OMKHULU WOKUTYELELA I-NAMPO PARK KULO NYAKA. LAKUBA LINIKWE UMTYHI IQELA LEGRAIN SA, ALIPHOZISANGA MASEKO LITHUMELE IZIMEMO UKUZE LIMEME BONKE ABANTU BEZE KUFUMANA 'AMAVA AKUYO!' KALOKU LO MBA UBUKWANGUMXHOLO WONYAKA. ZIMALUNGA NAMA-73 000 IINDWENDWE EBEZIZIMASE LO MSITHO KWIINTSUKU EZINTLANU.

Naxa bekukho imingeni namaxesha atyhafisayo, ulangazelelo lweqela kune namava angenakuthandabuzeka ebebonakala kuyo yonke ifama kuba eli qela likwazile ukulungiselela amanye amava akwiNAMPO anempumelelo. Khange zidaniswe iindwendwe futhi zonwatyiswe nakukuphangalala kweendawo zokufaka nezokupaka iimoto, kune nolwamkelo obelufudumele kangako. Uphawu lwayo oluthabathekise kwangoko beluyifama exokozela amandla anefuthe elimangalisayo. Bekukho iziza ezimabalabala aqaqambileyo, izitrate eziphithizelayo kune neeholo zemiboniso, imibuliso eyenziwa ngokuvakalayo, nemikhwazo ebonisa ububele – bekuphupuma okubonwayo nokwenziwayo!

Bekucace gca ukuba uluntu lwabalimi ngokubanzi beluchwayite ngokupheleleyo ngenxa yokudibanela ukuqhube ushishino nokomeleza ubudlelwane kwenye yezona ndawo zithandwayo zeendibano. Lindawo ebeluhleli kuzo uluntu bezinamaqela abalimi neentsapho zabo, bonke bencokola besabelana ngeembono zabo ngemiboniso yabo abayithandayo.

AMATHUBA OTHUNGELWANO

UNksz Thoko Didiza, uMphathiswa wezoLimo, ukuTshintshwa kwe-Mithetho yeMihlabo noPhuhliso IwamaPhandle nabathunywa bakhe nabo bebeiyetele iNAMPO Park. Naye uwuthanda kangangoko lo mboniso futhi uthanda nendlela omsondeza ngayo kubalimi nakwicandelo lolimo ngokubanzi.

Kubalulekile ukuba abalimi beenkozo baseMzantsi Afrika bababone abamelibabo bethetha neenkokeli zelizwe lethu. Enyanisweni konke oku yindima esentloko yeGrain SA – umphembeleli othetha ngemibandela ebalulekileyo echaphazelatcandelo, egameni labo bonke abalimi beenkozo eMzantsi Afrika.

KwiNAMPO kusoloko kukho izinto ezitsala umdla ngamnye – yindawo yendibano neyokubona izinto ezintsha nezenzeka kwicandelo lolimo. Kanti okona kubaluleke kakhulu, kukuba yindawo yokuqhube amashishini nothungelwano lonxibelelwano malunga noshishino nokufumana iingcebiso zeengcaphephe ngokweenkalo ngeenkalo. Awamaninzanga amathuba emihla ngemihla afunyanwa ngabalimi okudibana neengcaphephe zamabanga aphezelu kushishino. Kodwa apha umntu angakhe acele elona cebiso lifanelekileyo.

Amadoda ngabantu abakkholisa ukuba neengxoxo emakhaya malunga nokuba yeyiphi itrektara, umatshini wokutyalu okanye umatshini odinga ukucqwalaselwa futhi izeziphi iingqondi zeengcaphephe afanele ukuthetha nazo ngemveliso ayithengisayo. Umntu ufanele ukusoloko ehamba ngokwamaxesa obuchwepheshe banamhla ukuze aphumelele – kanti ke iNAMPO ngokuqinisekileyo yindawo yokwenza ngqo oko.



USuku lweziVuno alunazithintelo ngokobudala, iindwendwe ezisenciane nesezikhulile zonwabele amava eziwafumanayo.

OKUTSALA UMDLA WOMNTU WONKE

Icandelo lemfuyo lisoloko linomtsalane omkhulu – nangona likhatshwa ngamavumba angathandekiyo asemoyeni! Abantu bayathanda ukuhambahamba kwiintlanti zemfuyo bebuka iintlobo ngeentloblo ezaahlukileyo zeziwanyana ezisemibonisweni. Amahashana ebemahle ebukeka kakhulu kanti nomboniso obuphakathi esangqeni ubumhle ngenene!

Imiboniso yenxaxheba yoMbutho weSizwe yabaKhulisi boBoya obuchetywe ngokwesiqhelo ezigusheni isoloko itsala umdla wababuleli. Kungummangaliso ukuqwalasela iintlobo ezaahlukileyo zeenkomono nokufunda nzulu ngeemeko eziphilakakuhle kuzo. Yona iba soloko ikhona into enomdla eyenza ihlombe entliziyeweni yomlimi.

Ababonisi bafanele ukunconywa ngomgangatho ophezulu wemiboniso yabo. Iqela likaJohn Deere belikwelinye iqondo lemiboniso engummangaliso, ebiquka itrektara equyudiwego!

Abemiboniso yeziganeko ezithile babhiyozele unyaka wabo we-180 ikhona ngendlela ebukekayo eNAMPO Park. AbeNew Holland Agriculture batsale ingqalelo yabantu ngoluhlu olubanzi lweetrektara zabo kune noomatshini ebebesemibonisweni. Ootata nooniana batyelele imiboniso yeetrektara noomatshini, oko kuquka iingqokelela ezintle zezinto zokudlalisa ezinokuthandwa ngamakhwenkwe anamehlo abukhali asefama ukuze bachithe imali yabo kuzo.



Iziza zemibalabala eqaqambileyo, izitrato eziphithizelayo neeholo zemiboniso zigcine uluntu lwabalimi olubanzi luchwayitile kwenye yeendawo zalo ezithandwayo zeentlanganiso.



UMphathiswa uThoko Didiza wonwabele ukuthethwa nabalimi nokunxibelelana nabo kuthungelwano lwabo neqela leGrain SA. Simbona ekunye nosihlalo weGrain SA, uDerek Mathews bekhenketha kwiNAMPO Park.



UMatshini wesGcinamva unika ulondolozo ngasemva, izixhobo zezandla ezinamandla eziwenza lula umsebenzi wokulimela ukuziphilisa. UMichris Janse van Rensburg, umninizo nomyili wazo, ubonisa abalimi abathile isixhobo esondla esokutyalala.


AMALUNGU NEQELA

Abalimi abangamalungu eGrain SA ebephethwe ngobubele obukhulu obufana nokunikwa iindawo zokupaka iinqwelo zavo simahla, angene simahla kanti nokufikelela kwiZibonelelo zamaLungu ebengakuhlawuleli, ngokunjalo ikofu yona nezinto ezimmandi zange ziphele kwiintsapho zabo. Indawo yendibano ibihlohlake kuyo yonke imini, amalungu evela kwiinkalo ngeenkalo zobomi ephumlile kodwa esabelana ngolwazi.

Ebekhona namathuba okuba abalimi badibane neqela leGrain SA apho. Igosa eliyintloko yesiqqeba esilawulayo uGq Pieter Taljaard, uxelele abalimi ngendlela achulumance ngayo kuba emele abalimi beenkozo. Igela loPhuhliso IwabaLimi beligcinwe lixakeke ngeentlanganiso nothungelwano lokusasaza iindaba ngenkqubela yabalimi nangokukhanyisa imingeni abaqubisana nayo abalimi kweli xesha lokulima. lingcali zoqoqoshlo zaseGrain SA nazo bezithandwa kakhulu ngabantu kanti abalimi bebekukhuthalele ukuhlohlha ubuchopho babo ngolu shishino.

Usuku IwesiVuno IweNAMPO lusuku olubalulekileyo nolunengxakeko kungako iindwendwe zifanele nje ukukwamkela ukuba azinakubona yonke into ngosuku olunye. Ngumboniso oqhutywa ngobungcali ophakamisela phezulu injongo yawo ngeqhayiya ukuze kuphuculwe icandelo lolimo ngakumbi abalimi beenkozo baseMzantsi Afrika. ■

JENNY MATHEWS,
INGCALI NOMHLOHLI
WOLAWULO NOPHUHLISO



Sunflower hybrids
that offer
peace of mind

 **Clearfield® Plus**
Production System

AGSUN 5103CLP	AGSUN 5108CLP
AGSUN 5106CLP	AGSUN 5109CLP

Clearfield®Plus is a registered BASF trademark.

CONVENTIONAL HYBRIDS

AGSUN 8251	AGSUN 5278
AGSUN 5270	AGSUN 5273



Yield stability



Stay-green trait



Seed-fill ability



Disease resistance



Agronomic traits



Adaptability


agricol
go for growth

likhonto zingakuthintela ukulahleka komhlaba

UMSEBENZI WOLONDOLOZO LOMHLABA UTHE-THA NAWUPHI UMSEBENZI OQHUTYWA NGENJONGO YOKUTHINTEL A UKHUKULISEKO LOMHLABA, NGOKUNJALO NOKUPHUCULWA KOHLAZA OKANYE UMPHEZULU WOMHLABA. UKWAQUKA UMSEBENZI WOKUPHUCULA UKUQUKUQELA KWAMANZI AGQITHISILEYO APHEZULU OKANYE ASEZANTS, UKULUNGISELELA NAWUPHI UMTHOMBO WAMANZI, NOKUTHINTEL A INTLENGA YOMHLABA EMDAMINI KANANJALO NOKUNGCOLISEKA KWAYO NAYIPHI IMITHOMBO YAMANZI.

Eminye yemithombo yoncedo ebaluleke nexabiseke kakhulu efanele ukulawulwa nganonophelo kulimo lwelizwe lethu yimihlaba yalo kanye namanzi. Uxanduva Iwabanini bemihlaba ubukhulu becal, luchazwe *kuMthetho waManzi eSizwe (weNombolo yama-36 ngowe-1998) na-kuMthetho woLondolozo IweMithombo yoNcedo loLimo (weNombolo yama-43 ngowe-1983)*, (the National Water Act (No. 36 of 1998) nakulo Conservation of Agricultural Resources Act (No. 43 of 1983)), emalunga nolondolozo Iwemihlaba phakathi kweminye imibandela ephathelele kulimo.

Abalimi beenkozo bachitha ixesha elide bepethula imihlaba futhi beyilungisa ngokweezowuni zeentlobo ngeentlobo neemeko zemzulu zaseMzantsi Afrika zokulinywa kweenkozo. Ngokuxhomekaka. kwimigaqo yokuphethulwa komhlaba, imihlaba ihlala isesichengeni sezimbo ezichaphazela imihlaba zokuna kwemvula okwahlukahlukileyo njengezandyondyo zeemvula okanye iimvula eziyimikhwitsho eqhuba kwithuba elide. limvula ezina ngamandla zingakhukulisa inkoliso yomhlaba ongaphezulu onesakhono sesivuno esihle kakhulu ukuba umthombo woncedo awukhuselwanga.

YENZA UHLOLO

Inkoliso yeefama eMzantsi Afrika zinocwangcisel oolutile olwensiwe kuzo malunga nokwakhiwa kwamadama eefama, imisele yamanzi exhaswe ngengca, kanye nokwandaleka kwazo, ngokunjalo nokwakhiwa kwamathambeka eekhonto ukususela emasimini ahlakulwego ukuya kwimisele yamanzi eyakhiwe ngokocwangcisel o n Kubya yeyendalo.

Ngelishwa, ukwakhiwa kweekhonto ekupheleni kweminyaka yoo-1950 neyoo-1960 kwakusekwe kwisicwangcisel esingachanekanga aphi isuke yasezantsi incam ekwicala lokuqualiswa kweekhonto, yaze yancitshiswa ngokwamabanga ahlukileyo.

Oku kukhokelele kwintlenga yomhlaba esiphakathini kwiikhonto kwaze oko kwabangela umonakalo omkhulu njengoko iimvula ezinkulu zifike zaqhekeza kweso siphakathi kwakho umonakalo omkhulu nokulahleka komhlaba xa ikhonto engezantsi nayo iqhekeka. Oku kubonakele kuwo wonke uMzantsi Afrika. Sinye isisombululo kukuzenza zibe mcaba futhi uqalise ngokutsha ukwenza iikhonto kuyo yonke intsimi nangona liphezulu ixabiso lokwenza njalo; okanye faka ingca kubo bonke ubude beekhonto ngokwesicwangciso okanye ngokwemisele yamanzi eyindalo. Kanti kungakhiwa neekhonto ezikwaziyo ukumelana namanzi ezichotho ezikhulu kumabanga amiselwego ukuze kuncitshiswe ifuthe lawo kwiindawo ezingacwa-

ngciselwanga kakuhle. Imisele yamanzi exhaswe ngengca ifanele ukuqwalaselwa ukuze ilungiswe msinya kangangoko xa kukho ukuqlisa kogxalathelwano Iwamanzi olukhukulisayo.

Zingakunceda ngocwangcisel iimephu zolinganiselwano ezhahlukileyo ezivela kumhloli onguncanda jikelele ukwenzela indawo ofama kuyo, ngokunjalo nokuqwalaselwa imihlaba ethile kwiGoogle Earth. lifoto ezithathwa emoyeni ezinobucukbhede befama yakho zingafumaneka ngokunjalo kwiofisi yomhloli onguncanda jikelele. La macebo abonisa zonke iziphene aze ancede ngocwangcisel olnobucukbhede.

UKUQUKUQELA KWAMANZI

Umsebenzi weekhonto kukushenxisa nakuphi ukuqukuqela okunganqu-mamiyo kuyo yonke intsimi ukuze kungene kwimisele exhaswe ngengca okanye eyindalo. ngaloo ndlela akukho monakalo nakukhukuliseka komhlaba kunokwenzeka. Izantya zemiqukuqelo zixhomekaka kwintloblo zemihlaba nethambeka lensesimi. Umhlaba oyisanti ugqobhozeku lula, kanti oludongwe ngowona kunzima ukuwugqobhoza. Lakuba icandelo lomhlaba lifunxe amanzi awaneleyo, aqala aqukuqele ukuya ezantsi axande kwicala elisezantsi lemisele yamanzi eyindalo.

Ukuhlakulela izityalo ngomgaqo wolondolozo, kanye nojikele-ziso Iwezityalo zokutshintsha, kuya kunceda kakhulu ekunciphiseni umqukuqelo. Ucwangcisel maluquke ulungiselelo lomqukuqelo, onokwenzeka nakweliphi icandelo lomhlaba eliphuphumayo neliqhuba ngokufumana imvula.

Naziphi iindawo ezingalinywanga zityalo zifanele ukuba nohlobo olufanelekileyo Iwengca kwindawo yakho ukuze luthinteleke naluphi ukuhukuliseko obelunokwenzeka.

Izikhokelo

Ikhonto zokusebenza zandlalwa ngokuxhomekaka kwithambeka ngokwenkczomphandle yentsimi, iintlobo zemihlaba kanye nezantya zokuqukuqela kwamanzu ezinokuba khona. Ikhonto ethambeke okoko yona yodwa kwezingama-300 ukususela isaqala iminyaka yoo-1960 ibonakele isebeenza phucukileyo kakhulu kuzo zonke iintloblo zemihlaba. Oku kuthetha ukuba nge-300 m nganye yekhonto, iya kuthambeka ngemitha enye ukususela kwicala eliphakamileyo ukuya kwelisezantsi.

Ucwangcisel olusentloko lenqanaba eliphakathi kweekhonto lububugcisa bobuchule futhi lukwayinzululwazi. Umgama ophakathi kweekhonto zentsimi kwithambeka eliphakame kakhulu ungakhokelela kwiikhonto ezininzi kangangokuba kungade kungakwazeki ukufama kuyo. Imigama engange-1,2 m iyiincam ezifanelekileyo zokuqalisa. Ikhonto eziyilwe ngobuchule mazolulelwae kwimisele yamanzi yendalo.

Lifanelekile inqanaba ekulahlelwae kulo nelinokugqaliselwa kwintsi-ka yesalathisi semilinganisel kude kangangekhilomitha. Abantu ababini, ingulowo abe nentsika kanye nentambo engangama-30 m phakathi kwabo, bangakwazi ukuchonga iincam xa besakha iikhonto. Ukwehla phakathi kweencam malunga nomgama wentambo engangama-30 m kungaba zizikhewu ezingange-0,1 m ukuba iikhonto bezifanele ukwenziva ngokomlinganisel wekhonto-enye-kuma-300 ethambeka. Zakuba zimiselwe iincam, uhlolo iononophelo lunganako ukwalatha umgca okholisekileyo okanye igophe lifanele ukulandelwa

xa kuqaliswa ngokwakha iikhonto. Libhale qho inqanaba elisetenziswe ngencam nganye.

Iikhonto zingenziwa ngeegreyida, ngamakhuba okucombulula umhlaba, ngamakhuba akrazulayo anamagophe nangoomatshini abayilwe ngobuchule bamakhuba ezikotile ezinxambini.

IMITHETHO ENGUNDOQO

Ngokwasemthethweni ufanele ukubonelela abamelwane bakho ngamanzi aqukuqela kwincam eyiyona iseantsi yefama yakho. Kufuneka wenze imisele yamanzi kwimigca emeleneyo yentsimi ukuze okuqukuqelayo kwakho kube nako ukufikelela kwintsimi yomnye umnini kwincam yakho eyiyona iseantsi, ngaphandle koku-

ba yinto enokwenzeka ukwenza ucwangciselolwendawo enkulu noko ngokudibana nabanini abaliqela abanxulumanisa imisebenzi yocwangciselolokuqokelelwakwamanzi kwiindawo ezithile ukwenzela amadama, iikhonto nemisele yamanzi. Ezi mvumelwano zifanele ukukhuse-lwa ngokusemthethweni njengoko kunokwenzeka ukuba abanini abatsha bexesha elizayo bangavumelani nocwangciselololuphunye-zwe ngaphambili. ■



RICHARD MCPHERSON,
UMCEBISU NGOLAWULO LOSHI-SHINO LOLIMO NEEAPROJEKTHI

UKHUSELO KUQALA

Icandelo 2

Izixhobo zokusebenza zibalulekile

ZIXHOBO ZOKUSEBENZA ZINEGALELO ELIKHULU KUYO NAYIPHI INDA-WO YOKUSEBENZELA OKANYE IFAMA.

UXANDUVA LOMQESHI

Musa ukusebeniza izixhobo zokusebenza ezenziwe ekhaya kwindawo yokusebenzela. Kuthintele okanye kukwaye ukusetyenziswa kwezixhobo zokusebenza ngokungekho sesikweni. Qinisekisa ukuba zikhona izixhobo ezifanelekileyo zokwenza umsebenzi othile. Lungisa inkquo-bo ebophagelela umqeshwa ukuba aqale ngokuzihlola zonke izixhobo ezisetyenziswa ngezandla phambi kokuzisebenzisa.

Izixhobo zokusebenza mazihlolwe qho ngenyanga. Emva koko umqeshi makasayine uluhlu oluhloleweyokuqinisekisa ukuba zonke izixhobo zikwimeko efanelekileyo yokusebenza ngawo onke amaxesha. Ukuba isixhobo sifunyaniswe sinesiphene okanye sinokuba yingozikumqeshwa, masikhutshelwe ngaphandle kwangoko kwizixhobo ezikhoyo. Ezi zixhobo zingaphinda zisetyenziswe kwakhona emva kokukhandwa.

UXANDUVA LOMQESHWI

Bonke abaqeshwa mabahlole izixhobo zokusebenza phambi kokuzisebenzisa. Abaqeshwa mabaqinisekise ukuba izixhobo zokusebenza zigcinwa zikwimeko elungileyo zibekwe zicocekile futhi ngendlela echanelekileyo emva kokusetyenziswa. Akukho zixhobo zifanele ukushiywa phantsi emgangathweni zakuba zisetyenzisiwe. Izixhobo maziphathwe ngokuchanekileyo ngawo onke amaxesha. Makuqwelaselwe isicwangciso samanyathelo oluleko xa izixhobo zokusebenza zisetyenziswa njengezinto zokudalisa!

Mayibekho ingqokelela yezinto zoncedo lokuqala hlezekubekho isiganeko sokwenzakala komqeshwa xa ebesebeniza izixhobo zokusebenza. Ukuba umqeshwa okanye undwendwe lwenzakele ngenxa yesixhobo sokusebenza esenziwe ekhaya, umqeshi ochaphazelekayo ufanele ukutshutshiswa.

Xa iikhontraktha zize kusebenza kwisiza, iikhontraktha mayisebenzise izixhobo zayo zokusebenza. ■

UCHARL SAAYMAN, UMCEBISI WEMPIO NOKHUSOLO EMEGA HEALTH AND SAFETY

Iqela labahleli

GRAIN SA: PRETORIA

PO Box 74087
Lynnwood Ridge
0040

■ 086 004 7246

■ www.grainsa.co.za

UMHLELI OLAWULAYO

Dr Sandile Ngcamphalala
■ 082 862 1991 ■ lofisi: 012 943 8296
■ sandile@grainsa.co.za

UKUMISELWA KWABAHLELI

Liana Stroebel
■ 084 264 1422 ■ lofisi: 012 943 8285
liana@grainsa.co.za

UMAHLULELANE KUPAPASHO

INFOWORKS MEDIA PUBLISHING
Umhleli ongumncedisi - Louise Kunz

■ louise@infoworks.biz

Inkokeli yeqela lomsebenzi - Johan Smit

■ 082 553 7806 ■ lofisi: 018 468 2716

■ johan@infoworks.biz

Abapapashi - Elizma Myburgh, Joritha Hechter



INkqubo yeGrain SA yoPhuhliso IwabaLimi

ABAQUQUELELI BOPUHLISO

Johan Kriel

Free State (Bloemfontein)

■ 079 497 4294 ■ johank@grainsa.co.za

Jerry Mthombothi

Mpumalanga (Mbombela)

■ 084 604 0549 ■ jerry@grainsa.co.za

■ e-Ofisini: 012 943 8289 ■ Smangaliso Zimbili

Jurie Mentz

Mpumalanga/KwaZulu-Natal (Louwsburg)

■ 082 354 5749 ■ jurie@grainsa.co.za

■ e-Ofisini: 012 943 8218

Graeme Engelbrecht

KwaZulu-Natal (Dundee)

■ 082 650 9315 ■ graeme@grainsa.co.za

■ e-Ofisini: 012 943 8287 ■ Nkosinathi Mazibuko

Liana Stroebel

ENtshona-Koloni (Paarl)

■ 084 264 1422 ■ liana@grainsa.co.za

■ e-Ofisini: 012 943 8285 ■ Hailey Ehrenreich

Du Toit van der Westhuizen

North West (Lichtenburg)

■ 082 877 6749 ■ dutoit@grainsa.co.za

■ e-Ofisini: 012 943 8290 ■ Lebo Mogatlanane

Luke Collier

EMpuma-Koloni (Kokstad)

■ 083 730 9408 ■ luke@grainsa.co.za

■ e-Ofisini: 012 943 8280 ■ Luthando Diko

UCwayita Mpotyi (Umncedisi waseOfisini: Mthatha)

■ 078 187 2752 ■ umthata@grainsa.co.za

■ e-Ofisini: 012 943 8277

IPULA IMVULA IFUMANEKA

NGEELWIMI EZILANDELAYO:

isiXhosa, isiNgesi, iSeTswana, iSesotho nesi IsiZulu.

Articles written by independent writers are the views of the writers and not that of Grain SA.

THIS PUBLICATION IS MADE POSSIBLE
BY THE CONTRIBUTION OF THE MAIZE TRUST

Inkqubo egugula ubomi babantu



Ingxelo

Jonga ukuze ufunde

IIPLOTHI zeemvavanyo zityalwa nanini xa livuma ithuba naxa kunokufumane inkxasomali efanelekileyo. Iqela laseGrain SA loPhuhliso lwabaLimi libone ukufunda okuncomekayo okubangelwa kukwazi ukubona iziphumo ezahlukileyo ezisisiphumo sokwenza into elungileyo ngendlela elungileyo.



Iplothi yeemvavanyo kwintsimi yoojongilanga kwiFama iYonarao ngaseKokstad. Usuku lwabalimi luya kubanelwa kwesi siza ukuze kuxoxwe ngeenzifumo nangezifundo ezifundiweyo.

Kwithuba lango-2021/2022, kulinye iiplothi ezine zeemvavanyo kwiziphuka ezine:

ELimpopo: Ukulungiselela amaqela ofundonzulu amatsha eLimpopo, kulinye iplothi yovavanyo eSehlakwane phantsi kokhokelo lukaJerry Mthombothi, umphathi wophuhliso lwengingqi kwifosi yaseMbombela. UGrain SA uthenge isichumiso baze abakwaBayer banikela ngembewu neekhemikhali. Injongo ese-ntloko ibikukufundisa abalimi ngomqaqo wokulima ngaphandle kokuhlakula. Kuhlwayelwe isixa sama-30 000 siphelele sezityalo ngehektare, kusetyenziswa iintloblo eziliqela zembewu eyahlukahlukileyo.

ENtshona Koloni: ULiana Stroebel, umphathi wophuhliso lwengingqi yase-Ntshona Koloni, ulawule iplothi yovavanyo ebilinye eMiddelpos ngaseMooreesburg. Ibilubambiswano phakathi kweGrain SA, umlimi oyinkokel uAlfreda Mars, obonelele ngoomatshini, nabakwaNexus, ababonelele ngesichumiso nangeekhemikhali. Eli ibilinge lokuqala lokulinywa kwecanola, obelusenziwa ngenjongo yokufumanisa isakhono sesivuno. Isivuno esifunyenweyo besizi-toni ezi-1, 2 ngehektare kwixesa lokulima ebelineemingi emininzi, futhi imvula ibenza kubenzima ukufikelela kwiiindawo ezithile zentsimi. Uvavanyo lube yimpumelelo ngokwaneleyo lwade lwakhuthaza ukulinywa kwehektare ezinga-ma-50 kwixesa lokulima lango-2022.

EMpumalanga: UJurie Mentz, umphathi wophuhliso lwengingqi kwifosi yaseLouwsburg, ulawule iplothi yovavanyo yehektare e-1 yeembotyi zesoya eDonkerhoek. Inani lezityalo ngehektare belingama-300 000, kanti ububanzi bemiqolo bebungange-0,91 m.

EMpuma Koloni: ULuke Collier, umphathi wophuhliso lwengingqi yase-Mpuma Koloni, uthale iplothi yovavanyo yentsimi yoojongilanga kwiFama iYonarao ngaseKokstad. Belubanzi ubambiswano phakathi kwabaseGrain SA noAndre Chooks, obonelele ngabo bonke oomatshini nesichumiso. Abakwa-Pannar babonelele ngembewu nangeekhemikhali kanti ezi mveliso zinikelwe yiFarmers Agri Care. Olu beluluvavanyo lwehektare ezi-6, ngokusebenzisa umgaqo wokutyalala kungaphethulwanga mhlabo. Eli xesha lokulima liqale ngengxaki yeenkumba ezincinane kwizityalo. Oku bekukubi kangangokuba kuye kwakho imfuneko yokuphinda kuhlwayelwe ngokutsha zaze iinkumba ezincinane zatshatalaliswa ngeekhemikhali. Isiphumo sibe ngumqantsa wokufunda kwabalimi ngokutshatalaliswa kwezonakalisizityalo ngokunjalo nokufunyanwa kwamanani ezityalo aphucuke ngakumbi. Izityalo ziqhube kakuhle nangona bekukho umonakalo ongephi obangelwe sisichothe. Kaloku izityalo bezisaqalisa ukufa ekupheleni kukaMeyi. AbakwaGrain SA banethemba lokusingatha usuku lwabalimi apho kunte nabahlulelane boshishino kwixesa elizayo.

Ukupuhuhliswa kolwazi ngeentsuku zabalimi

UKUZE kunikwe abalimi ithuba lokutyelela iziza zeemvavanyo, kulungiselela iintsku zabalimi kwezi ndawo. Apha abalimi bangaxhobisana ngolwazi nabanye abalimi, namaqumrhu athengisa iimveliso zamalungiselelo, amagosa esolulo endawo kunye nabanye ababelana ngomdlia becandelo, abamenywe ngokwezicwangcisocebo ukuba bazimase ezi ntsuku.

Ngexesa lokulima lango-2021/2022, kubanjwe iintsku zabalimi ezilandelayo:

- Ngomhla wama-24 kuFebruwari, kwifosi yaseMthatha:** bekukho abalimi abangama-88 kulo msitho eNgcobo-Bokleni.
- Ngomhla we-13 kuApreli, kwifosi yaseMbombela:** Abalimi abali-145 bafunde ngakumbi kubathengisi bakwaBayer naku-Jerry Mthombothi eSyverfontein.
- Ngomhla we-13 kuApreli, kwifosi yaseLouwsburg:** Abakwa-Oil and Protein Seeds Development Trust (OPDT) baxhase umsitho ngemali kwiHolo yoLuntu iDriefontein, apho abantu abangama-87 bebeye kumamela uHenry Davies, uTimon Filter noJurie Mentz.
- Ngomhla wama-20 kuApreli, kwifosi yaseKokstad:** Usuku lwabalimi beluseColana, eMount Frere, apho uLuke Collier ebethetha nesihlweli, bebehume ngobuninzi abantu. Kwa-khona uCipla uthethe ngokhathalelo lwemfuyo.
- Ngomhla wama-21 kuApreli, kwifosi yaseDundee:** Ugqaliselo kwiFama iMilnedale belukwiimfuneko zezytalo nasekufakweni kwezichumiso. Abameli beSebe lezoLimo (DoA) nabakwaBayer bathethe nabalimi abangama-37.
- Ngomhla wama-22 kuApreli kwifosi yaseMbombela:** EHereford East, abantu abali-100 ebebeyile bakwazile ukufunda banzi ngolimo kwabakwaGrain SA, abakwaBayer, abakwaKynoch nakwiSebe lezoLimo iDoA eMpumalanga.
- Ngomhla wama-29 kuApreli, kwifosi yaseMbombela:** IProjekthi yeLimufuye ibisingathe iintsku zokugqibela zabalimi zangoApreli. Izithethi ibinguJerry Mthombothi (waseGrain SA) nathathengisi bakwaBayer, iDoA yase-Mpumalanga neVilla Crop.



Iintsku zabalimi zaseMbombela zinike abebekhona ithuba lokutyelela iplothi yeemvavanyo eSehlakwane. Abalimi bebechwayitile kukuba nenxaxheba yokuququzelza xa bekulungiswa umhlabo naxa kutyalwa.